



Inombolo yefayili: 21/2/5/2/MATHEMATICS
Isalathiso: 20230202-953

Ingcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-GET ne-FET: DCG 0001/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be-GET, kuBacebisi ngeZifundo besiGaba esiPhakathi, kuBacebisi ngeZifundo besiGaba esiPhakamileyo, kuBacebisi beZifundo be-FET nakwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo ezizimeleyo

Isihloko: UKhuphiswano lwe-South African Mathematics Challenge lwamaBakala 4-7 kunye ne-South African Mathematics Olympiad yamaBakala 8 ukuya ku-12

1. Ukhuphiswano **i-South African Mathematics Challenge (SAMC) ne-South African Mathematics Olympiad (SAMO)** ngamathuba amahle esifundo seMathematika abafundi bamaBakala 4 ukuya ku-7 namaBakala 8 ukuya ku-12 ngokwahlukahlukeneyo. I-SAMC ne-SAMO zifuna ukuphucula umgangatho wokufundisa nokufunda iMathematika ngokubonelela abafundi ngeengxaki zezibalo (*problems*) ezinika umdla nezingumngeni kwinqanaba lamabakala abo kwanokuphuculwa kwezakhono zabo zokubala zenkulungwane ye-21.
2. I-SAMC ne-SAMO zineenjongo:
 - zokwenza iMathematika ithandwe;
 - zokukhuthaza ukusonjululwa kwengxaki zokubala ekufundiseni iMathematika;
 - zokukhuthaza imbono yokuba imisebenzi yeMathematika ayipheleli nje ekubaleni;
 - zokugxininisa ukubaluleka kokufunda xa kusenziwa imisebenzi yemathematika;
 - zokuzisa izixhobo zokufunda ezifaka igalelo kwimisebenzi enentsingiselo yemathematika eziklasini; kunye
 - nezokubonelela ngesixhobo esiyi-*diagnostic tool* sokufumana ulwazi ngeengxaki zabafundi ukulungiselela ootitshala bakwazi ukuziqwalasela izimvo ezingachanekanga.

3. I-SAMC ne-SAMO azikho malunga nokhuphiswano nje kuphela, kodwa zinenjongo yokubonisa abafundi iingxaki ezingumngeni zemathematika. Imibuzo yenzelwe ukuphucula ulwazi, ukusebenzisa ulwazi kwiimeko ezintsha, ukunxibelelana kunye nokucinga ngendlela yokusebenzisa imathematika ngokubanzi.
4. Zimbini iindlela zokuthatha inxaxheba:
 - Abafundi abanamandla bangakhetha ukuthatha inxaxheba ngabodwa. (ngamnye).
 - Abanye abafundi bangakhetha ukusebenza ngababini (abangababini).
5. **I-2023 South African Mathematics Challenge (amaBakala 4–7)** iya kuba **nemijikelo emithathu**:
 - Umjikelo wokuqala: 13–17 Matshi 2023
 - Umjikelo wesibini: 24 Meyi 2023
 - Umjikelo wesithathu: 07 Septemba 2023
6. **I-2023 South African Mathematics Olympiad (amaBakala 8 – 12)** iya kuba **nemijikelo emithathu**:
 - Umjikelo wokuqala: 09 Matshi 2023
 - Umjikelo wesibini: 11 Meyi 2023
 - Umjikelo wokugqibela: 26 Julayi 2023
7. Kucetyiswa ukuba izikolo zinike abafundi ithuba lokuba basebenzise amaphepha eminyaka edlulileyo.
 - Amaphepha eminyaka edlulileyo e-SAMC amaBakala 4–7 angakhutshelwa (downloaded) apha: <https://www.samf.ac.za/en/sa-mathematics-challenge>
 - Amaphepha e-SAMO amaBakala 8 –12 angakhutshelwa (downloaded) apha: <https://www.samf.ac.za/en/sa-mathematics-olympiad>
8. **Ubhaliso lwe-SAMC lwenziwa ngekhompyutha.** Zonke izikolo ziya kufumana amaphepha emibuzo amawabhalelwe esikolweni neememorandam. Akugqitywa ukumakishwa, iziphumo ziya kufakwa kwifom eyodwa eziyinkwe yi-South African Mathematics Foundation (SAMF) yaye ziyithumele kwi-SAMF, eya kuqhubeka ilawule inkqubo yobhaliso eyenzelwe umjikelo wesibini nowokugqibela.
9. **Amangenelo alungiselelwe i-SAMO sele evulelekile.** Izikolo ezifuna ukungenela zingabhalisa kwi-intanethi ne-SAMF apha <https://www.samf.ac.za/en/sa-mathematics-olympiad> okanye zingazalisa yaye zingenise ifom yokungenela eqhotyoshelwe njengesihlomelo A. Niyacelwa niqinisekise ukuba iifom zokungenela zizaliswe ngokufanelekileyo. **Umhla wokuvalwa kumangenelo ngowama-24 Februwari 2023.** Amaphepha omjikelo wokuqala aya kuhanjiswa ngabaququzeleli besithili/besekethe nge-imeyili yaye izikolo kufuneka zibenzele iikopi abafundi bazo abathatha inxaxheba.

10. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-WCED) **liya kuhlawula inkxaso-mali** eyintlawulo yokungenela ukhuphiswano lwe-SAMC ne-SAMO ukwenzela abafundi bezikolo zikarhulumente eziziqhelekileyo ezikhethiweyo. Izikolo ezingabizi zifizi nezikolo ii-Mathematics, Science and Technology schools ziya kukhethwa kuqala. Abafundi kwizikolo zenqanaba lentlupheko 1 no-2 zinokungenela ukhuphiswano simahla.
11. Umjikelo wokuqala uya kubhalelwa esikolweni. Ootitshala bangazimakisha iimpendulo okanye zingamakishwa xa kusenziwa iingxoxo ezivulelekileyo ngabafundi eziklasini. I-SAMF iya kubonelela ngememorandum.
12. Abafundi kufuneka bafumane u-50% okanye ngaphezulu kumjikelo wokuqala ukuze bagqithele kumjikelo olandelayo.
13. Imijikelo elandelayo iya kubanjelwa kwiindawo ezifikelelwa ngumntu wonke kwiingingqi ezahlukeneyo.
14. Umthathi-nxaxheba ngamnye kwi-SAMC/SAMO uya kuvavanywa ubuncinane ngengxaki yesibalo enye, eya kuphucula isakhono sakhe sokusombulula iingxaki zokubala. Isakhono sokusombulula iingxaki zezibalo singaphuculwa ngokungaphezulu ngokusebenza ngononophelo ukufumana izisombululo zale mijikelo. Kuya kubakho izisombululo ezizezinye nezitsha kwaye kucetyiswa ukuba iingxaki zezibalo ezisetyenziswe kumaphepha kufuneka zisetyenziswe njengoovimba abazizibonelelo zokuxoxa eklasini.
15. Izakhono zokusombulula iingxaki ezibubuchule ziyimfuneko kwaye ziyathengiseka kakhulu kwiimarike zentengiselwano zanamhlanje ezixininisa kubuchule kwezethekhnoloji. Le marike ikwilizwe jikelele ngoku yaye uMzantsi Afrika kufuneka ukwazi ukukhuphisana namanye amazwe. Ngoko ke, sifuna iingcali ezingabasombululi-zingxaki. Ukuziqhelisa ukusombulula iingxaki kuya kunceda ukuqeqesha iinkokeli zethu zangomso ukulungiselela ukuphuculwa kwethekhnoloji.
16. Amalungiselelo okuqhubeka kwala makhuphiswano omabini, anokufumaneka ngokungena kula maziko ewebhu alandelayo:
SAMC –amaBakala 4 – 7: <http://www.samf.ac.za/en/sa-mathematics-challenge>
SAMO –amaBakala 8 –12: <http://www.samf.ac.za/en/sa-mathematics-olympiad>
17. I-SAMF iqaphela impumelelo yaye iya kuwonga abafundi ngezi zatifikethi zilandelayo:
 - Isatifikethi sombala wegolide (*Gold certificate*): Kubo bonke abafundi abapase ngaphezu ko-80% kumjikelo wokugqibela.
 - Isatifikethi sombala wesilivere (*Silver certificate*): Kubo bonke abafundi abapase phakathi ko-60% no-79% kumjikelo wokugqibela.
 - Isatifikethi sombala wobhedu (*Bronze certificate*): Kubo bonke abafundi abapase phakathi ko-50% no-59% kumjikelo wokugqibela.

18. I-SAMF ikwanikela ngamathuba okukhangela italente. Kukhuthazwa ootitshala ukuba bachonge abafundi abanamandla okusebenza yaye bangene kwiziko lewebhu elichaphazelekayo ukuze babhalise abafundi.
Kungenwa apha :AmaBakala 6 –11: <https://mytutor.chat/samf-talent-search/>
19. Kucelwa ukuba iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala beMathematika ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2023-02-14